



# Izinto Ezilungileyo *malunga* neMasjid

42 Yee Hadith eziphuma kwincwadi kaMoulana Siraaj Girie

Uguqulo lwesiXhosa luququzelelwe nguMoulana Muhsin Mbotoli

Le ncwadi ipapashwe yi Al Hidayah Centre, ayinayo imiqathango yokupapashwa kwayo esiyaziyo. (Ii-ahadith eziyi 40 Malunga Nokugqwesa Kweemasajid).

Iprintwe eMzantsi Afrika

Ukuprintwa kokuqala, 2023

ISBN:

978-0-6397-8905-7 (Ebook)

**KHUPHELA INCWADI KUNYE NEZANDI ZELIZWI  
ZAYO:**

<http://alhidayah.co.za/40-hadith-masjid-xhosa/>

*Ipapashwe yi:*

**Al Hidayah Centre**, Eastern Cape

18 Bonaventure Crescent

Salsonville, Port Elizabeth

Telephone: 041 492 2773

Whatsapp: 041 492 2773 | <https://wa.me/27414922773>

Email: [info@alhidayah.co.za](mailto:info@alhidayah.co.za)

[www.alhidayah.co.za](http://www.alhidayah.co.za)

# Iziqulatho

1. Ukunxibelelana Nentliziyo .....	1
2. Zikhonkwane zeeMasaajid.....	2
3. Ikhaya Labangcwele .....	2
4. Isiqinisekiso Sokholo .....	3
5. Ukuvuyisa u-Allah .....	3
6. Ezona Ndawo Zithandwa Kakhulu .....	4
7. Indwendwe Elihloniphekileyo .....	4
8. Ukwakhelwa Indlu eParadesi.....	5
9. Yakhani Phakathi Koluntu.....	5
10. Ukomkelwa Ngezandla Ezishushu ngu-Allah Ta’ala .....	6
11. Ukuhamba Ngeenyawo ukuya eMasjid .....	6
12. Ukukhanya Okugqibeleleyo.....	7
13. Ukuhamba Umgama Omde.....	7
14. Ukuhamba Ngeenyawo ukuya Kumthandazo weJuma.....	8
15. Umthandazo Ophindaphindiweyo .....	9
16. Musa ukulahla iSunnah.....	10
17. Ubusuku Bonke emthandazweni.....	11
18. Injongo eqatha.....	12
19. ISahabi eliyimfama .....	13
20. Yizani Nizolile .....	14
21. Indlela Yokungena eMasjid .....	14
22. Ukubulisa iMasjid.....	15
23. Amavumba Amabi eMasjid .....	15
24. Ezona Zenzo Zingalunganga.....	16
25. Ukuziphakamisa eMasjid.....	16
26. Ukuqokelelana eMasjid .....	17
27. Ilifa lo mProfethi eMasjid.....	17

28. Ulingana neHajj .....	19
29. Ukufundwa kwemibongo eMasjid .....	19
30. Beka Phambili uhambo Lwakho .....	20
31. Umthandazo Ongcono Kunemithandazo eliwaka.....	20
32. Isuntswana lase Paradesi.....	21
33. Indibano eyimbali .....	21
34. Umthandazo olingana ne-Umrah .....	22
35. Yizani Nabantwana Baboniseni kwaye nibanyamezele .....	23
36. Ingxolo Yabantwana Luphawu Lethemba .....	23
37. Indawo Ekhuselekileyo Yabantwana .....	24
38. Musani Ukubanjanda .....	25
39. Baphi Abamelwane Bam?.....	25
40. Umcoci wase Masjid.....	26
41. Thabatha inyathelo.....	27
42. Uxanduva Lokwenene .....	27

## 1. Ukunxibelelana Nentliziyo

سَبْعَةً يُظِلُّهُمْ اللَّهُ فِي ظِلِّهِ يَوْمَ لَا ظِلَّ إِلَّا ظِلُّهُ: إِمَامٌ عَادِلٌ وَشَابٌّ نَشَأَ فِي  
عِبَادَةِ اللَّهِ تَعَالَى وَرَجُلٌ قَلْبُهُ مُعَلَّقٌ فِي الْمَسَاجِدِ وَرَجُلَانِ تَحَابَّا فِي اللَّهِ:  
اجْتَمَعَا عَلَيْهِ وَتَفَرَّقَا عَلَيْهِ وَرَجُلٌ دَعَتْهُ امْرَأَةٌ ذَاتُ مَنْصِبٍ وَجَمَالٍ فَقَالَ:  
إِنِّي أَخَافُ اللَّهَ وَرَجُلٌ تَصَدَّقَ بِصَدَقَةٍ فَأَخْفَاهَا حَتَّى لَا تَعْلَمَ شِمَالُهُ مَا  
تُنْفِقُ يَمِينُهُ وَرَجُلٌ ذَكَرَ اللَّهَ خَالِيًا فَفَاضَتْ عَيْنَاهُ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“(Iindidi) ezisixhenxe (zabantu) ziyakufumana umthunzi ka-Allah ngemini (yomgwebo) ngethuba ezakube kungekho mthunzi ngaphandle komthunzi wakhe. (Abo bantu ngaba) uMlawuli olilungisa, umntu omtsha okhuliswe enqula u-Allah, indoda entliziyo yayo isoloko iqhogene neMasjid, amadoda amabini athandanayo ngenxa ka-Allah athe adibana ngenxa yakhe kanti athi ohlukane ngenxa yakhe, indoda ethi ibizwe linenekazi elinomtsalane eliphuma kwikhaya elindilisekileyo, khona ukuze bobelane ngesondo, kodwa yona ingavumi ithi, Ndayika u-Allah, indoda enikela ngomnikelo ngokufihlakeleyo (kangangokuba) isandla (sayo) sasekhohlo asiyazi into enikezelwe sisandla sasekunene, kanti (owokugqibela) yilo ndoda ikhumbula u-Allah emfihlakalweni zide ziqengqelege iinyembezi emehlweni wayo.” (Bukhari and Muslim)

## 2. Zikhonkwane zeeMasajid

إن للمساجد أوتادا هم أوتادها لهم جلساء من الملائكة فإن غابوا  
سألوا عنهم وإن كانوا مرضى عادوهم وإن كانوا في حاجة أعانوهم

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Inene iiMasjid zinezikhonkwane (abo bantu basoloko beqhogene neMasjid); iiNgelosi ngamaqabane wabo. Ukuba abekho. (IiNgelosi) ziyabakhangela; ukuba bayagula (iiNgelosi) ziyabandwendwela, kanti ukuba bafuna into (iiNgelosi) ziyabancedisa ukuba bayifumane.”  
(Ahmad and Haakim)

## 3. Ikhaya Labangcwele

المسجد بيت كل تقى وتكفل الله لمن كان المسجد بيته بالروح  
والرحمة والجواز على الصراط إلى رضوان الله إلى الجنة

U-Abu Darda radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi,

“IMasjid yindlu yakhe wonke umntu oneTaqwa, kwaye u-Allah uqinisekisa ngenceba nolonwabo kulowo wenza iMasjid indlu yakhe (oya qho kuyo). U-Allah uqinisekisa ngokugqitha okukhuselekileyo kwiblorho yeSirat, esiya kulonwabo luka-Allah kunye neParadesi.”  
(Tabrani and Bazzar)

#### 4. Isiqinisekiso Sokholo

إِذَا رَأَيْتُمُ الرَّجُلَ يَتَعَاهَدُ الْمَسْجِدَ فَاشْهَدُوا لَهُ بِالْإِيمَانِ فَإِنَّ اللَّهَ تَعَالَى  
يَقُولُ: ( إِنَّمَا يَعْمُرُ مَسَاجِدَ اللَّهِ مَنْ آمَنَ بِاللَّهِ وَالْيَوْمِ الْآخِرِ وَأَقَامَ الصَّلَاةَ  
وَأَتَى الزَّكَاةَ ) الْآيَةُ

U-Abu Saeed al Khudri radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ukuba nibona indoda ezimiseleyo (ekuyeni) eMasjid, ibani ngamangqina okuba ine-Imaan. Inene u-Allah uthi: ‘IMasjid ka-Allah iya kugcinwa kuphela ngabo bakholwayo ku-Allah nakwiMini yokuGqibela, abenza iSalaat, banikele ngeZakaat.’ (Quran 9:18)” (*Tirmidhi and Ahmad*)

#### 5. Ukuvuyisa u-Allah

مَا تَوَظَّنَ رَجُلٌ مُسْلِمٌ الْمَسَاجِدَ لِلصَّلَاةِ وَالذِّكْرِ إِلَّا تَبَشَّشَ اللَّهُ لَهُ كَمَا  
يَتَبَشَّشُ أَهْلُ الْغَائِبِ بِغَائِبِهِمْ إِذَا قَدِمَ عَلَيْهِمْ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“IMuslim engayi rhoqo uyokuthandaza kunye noyokukhumbula u-Allah eMasjid (xa ithe yaya eMasjid) u-Allah uyavuya kakhulu njengokuba usapho luvuya xa kufika elo lungu lwalo belungekho.” (*Ibn Majah, Ahmad and Ibn Hibban*)

## 6. Ezona Ndawo Zithandwa Kakhulu

أَحَبُّ الْبِلَادِ إِلَى اللَّهِ مَسَاجِدُهَا وَأَبْغَضُ الْبِلَادِ إِلَى اللَّهِ أَسْوَاقُهَا

U-Abu Hurairah radhiyallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ezona ndawo zithandwa kakhulu ngu-Allah emhlabeni ziiMasjid, kanti ezona ndawo zithiyiweyo ngu-Allah ziiMarike.” (*Muslim*)

## 7. Indwendwe Elihloniphekileyo

ما من مسلم يتوضأ فيُحسن وُضوءه الا كان زاءر الله عز وجل وحق على  
المزور ان يكرم زاءره

USalman Farsi radhiyallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Akukho nanye iMuslim eyakuthi yenze iWudhu ngokugqibeleleyo ngaphandle kokuba ibe lindwendwe lika-Allah (ngenxa yokuthi iye-eMasjid) kengoko kulilungelo lalowo utyelelwayo ukuba amhloniphe umtyeleli wakhe.” (*Tabrani*)



## 8. Ukwakhelwa Indlu eParadesi

مَنْ بَنَى لِلَّهِ مَسْجِدًا بَنَى اللَّهُ لَهُ بَيْتًا فِي الْجَنَّةِ

U-Uthman Ibn Affan radhiallahu anhu uchaza ukuba, Ndeva uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam esithi,

“Nawuphi na lowo wakha iMasjid ngenxa ka-Allah, u-Allah uzakumakhela indlu eParadesi.” (*Bukhari and Muslim*)

## 9. Yakhani Phakathi Koluntu

أَمْرُ رَسُولُ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ بِنَاءِ الْمَسَاجِدِ فِي الدُّوَرِ وَأَنْ تَنْظَفَ  
وَتُطَيَّبَ

U-Aishah radhiallahu anha uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam,

“Wasiyalela iiMasjid mazakhiwe phakathi kwezindlu, kufuneka zicocwe kwaye ziqholwe.” (*Ibn Majah, Abu Dawood en Ibn Hibban*)

## 10. Ukomkelwa Ngezandla Ezishushu ngu-Allah Ta’ala

من غدا إلى المسجد أو راح أعد الله له في الجنة نزلا كلما غدا أو راح

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Lowo uya eMasjid utshona kwelanga okanye ekuseni, u-Allah umlungiselela indawo yobubele eParadesi, ngalo lonke ixesha esiya (eMasjid) okanye ebuya.” (*Bukhari and Muslim*)

## 11. Ukuhamba Ngeenyawo ukuya eMasjid

ألا أدلكم على ما يمحو الله به الخطايا ويرفع به الدرجات قالوا بلى يا رسول الله صلى الله عليه وسلم. قال: إسباغ الوضوء على المكاره وكثرة الخطا إلى المساجد وانتظار الصلاة بعد الصلاة فذلكم الرباط فذلكم الرباط

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ingaba ndinganibonisa na into u-Allah athi ngenxa yayo ucima izono kwaye aphakamise amanqanaba (eParadesi)?” Amaqabane wakhe athi, “Ewe (sicela usixelele, Hini Mthunywa ka-Allah sallallahu alayhi wasallam!” Yena sallallahu alayhi wasallam wathi, “Kukwenza iWudhu kakuhle nasekubeni iimeko ziinzima, nokuthabatha amanyathela amaninzi ukuya eMasjid, kunye nokulindela umthandazo olandelayo emva kokuthandaza, leyo yiRibaat leyo ke yiRibaat!” (*Muslim*)

## 12. Ukukhanya Okugqibeleleyo

بَشَرِ الْمَشَائِنَ فِي الظُّلَمِ إِلَى الْمَسَاجِدِ بِالنُّورِ التَّامِّ يَوْمَ الْقِيَامَةِ

UBuraydah Al-Aslami radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Nikani iindaba ezimnandi abo bahamba ngobumnyama ukuya eziMasjid, (ngokuba bazakufumana) ukukhanya okupheleleyo nokugqibeleleyo ngemini yovuko.” (*Abu Dawood and Tirmidhi*)

## 13. Ukuhamba Umgama Omde

إِنَّ أَعْظَمَ النَّاسِ أَجْرًا فِي الصَّلَاةِ أَبْعَدُهُمْ إِلَيْهَا مَمْشًى فَأَبْعَدُهُمْ وَالَّذِي  
يَنْتَظِرُ الصَّلَاةَ حَتَّى يُصَلِّيَهَا مَعَ الْإِمَامِ أَعْظَمَ أَجْرًا مِنَ الَّذِي يُصَلِّيَهَا ثُمَّ  
يَنَامُ. وَفِي رِوَايَةٍ أَبِي كُرَيْبٍ رَضِيَ اللَّهُ عَنْهُ: حَتَّى يُصَلِّيَهَا مَعَ الْإِمَامِ فِي  
جَمَاعَةٍ

U-Abu Musa al Ashari radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Abona bantu bayakufumana owona mvuzo mkhulu ngabo bahlala kude (kune Masjid) kunye nalowo ulindela umthandazo khona ukuze azokuthandaza kunye ne-Imaam, umvuzo wakhe mkhulu kunalowo uthandaza (yedwa) emva koko ayokulala.”

Kwingcaciso ka-Abu Kurayb radhiallahu anhu amagama akhoyo ngalana: (Uyalinda) ade abe uyathandaza ne-Imaam belibandla.” (*Bukhari and Muslim*)

## 14. Ukuhamba Ngeenyawo ukuya Kumthandazo weJuma

من غسل واغتسل وبكر وابتكر ومشى ولم يركب ودنا من الإمام ولم  
يلغ كان له بكل خطوة يخطوها أجر سنة عمل صيامها وقيامها

U-Aws al Thaqafi radhiallahu anhu uchaza ukuba, ndeva esithi uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam,

“Lowo wenza (unkosikazi wakhe) ahlambe (ghusl) kwaye naye buqu ahlambe ngemini yeJuma, kwaye aye eMasjid kuselithuba ehamba ngeenyawo engakhwelanga nto, ahlale kufutshane ne-Imaam, amamelisise, angazibandakanyi neentetho ezingakhiyo, uyakufumana umvuzo wokuzila nokuthandaza unyaka wonke, ngenyathelo ngalinye alithabathayo (ukuya eMasjid).” (*Tirmidhi, Nasai, Ibn Majah and Ahmad*)

## 15. Umthandazo Ophindaphindiweyo

صلاة الرجل في جماعة تزيد على صلاته في بيته وصلاته في سوقه بضعاً وعشرين درجة وذلك أن أحدهم إذا توضأ فأحسن الوضوء ثم أتى المسجد لا ينهزه إلا الصلاة لا يريد إلا الصلاة فلم يخط خطوة إلا رفع له بها درجة وحط عنه بها خطيئة حتى يدخل المسجد فإذا دخل المسجد كان في الصلاة ما كانت الصلاة هي تحبسه والملائكة يصلون على أحدكم ما دام في مجلسه الذي صلى فيه يقولون: اللهم ارحمه اللهم اغفر له اللهم تب عليه ما لم يؤذ فيه ما لم يحدث فيه

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Umthandazo wenu nilibandla umvuzo wawo ungaphezulu ngokuphindaphindene kangamashumi amabini anesihlanu okanye amashumi amabini anesixhenxe kunomthandazo eniwuthandaze emarikeni okanye emakhayeni wenu, kuba xa uthe wenza iWudhu ngokugqibeleleyo emva koko uye eMasjid ngenjongo yokuba ufuna ukuthandaza kuphela, (xa kunjalo) ngenyathelo ngalinye olithabathayo ukuya eMasjid uyakufumana inqanaba elingentla kwaye esinye sezono zakhe siyakuxolelwa. IiNgelosi ziyakuthi gqolo zimcelela ukuxolelwa ngu-Allah kwaye zicelela ukusikelelwa kwenu nonke (ngu-Allah) ngalo lonke ixesha nikwi kwindawo zenu zokuthandaza. IiNgelosi ziyakumenzela iDua zithi: Hini na Allah, Msikelele! Hini na Allah, Yiba nenceba kuye! ngalo lonke ixesha engonzakalisi mntu okanye engayophulanga iWudhu yakhe.” Kwakhona umProfethi sallallahu

alayhi wasallam waqhubekeka wathi, “Lowo ulindele umthandazo uthatyathwa njengalowu sele esemthandazweni.” (*Bukhari and Muslim*)

## 16. Musa ukulahla iSunnah

مَنْ سَرَّهُ أَنْ يَلْقَى اللَّهَ غَدًا مُسْلِمًا فَلْيَحَافِظْ عَلَى هَؤُلَاءِ الصَّلَوَاتِ حَيْثُ يُنَادَى بِهِنَّ فَإِنَّ اللَّهَ شَرَعَ لِنَبِيِّكُمْ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ سُنَنَ الْهُدَى وَإِنَّهُنَّ مِنْ سُنَنِ الْهُدَى وَلَوْ أَنَّكُمْ صَلَّيْتُمْ فِي بُيُوتِكُمْ كَمَا يُصَلِّي هَذَا الْمُتَخَلِّفُ فِي بَيْتِهِ لَتَرَكْتُمْ سُنَّةَ نَبِيِّكُمْ وَلَوْ تَرَكْتُمْ سُنَّةَ نَبِيِّكُمْ لَضَلَلْتُمْ وَمَا مِنْ رَجُلٍ يَتَطَهَّرُ فَيُحْسِنُ الظُّهُورَ ثُمَّ يَعْمِدُ إِلَى مَسْجِدٍ مِنْ هَذِهِ الْمَسَاجِدِ إِلَّا كَتَبَ اللَّهُ لَهُ بِكُلِّ خَطْوَةٍ يَخْطُوهَا حَسَنَةً وَيَرْفَعُهُ بِهَا دَرَجَةً وَيَحُطُّ عَنْهُ بِهَا سَيِّئَةٌ وَلَقَدْ رَأَيْنَا وَمَا يَتَخَلَّفُ عَنْهَا إِلَّا مُنَافِقٌ مَعْلُومُ النِّفَاقِ وَلَقَدْ كَانَ الرَّجُلُ يُؤْتَى بِهِ يُهَادَى بَيْنَ الرَّجُلَيْنِ حَتَّى يُقَامَ فِي الصَّفِّ

U-Abdullah Ibn Masood radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Nawuphi na lowo uthanda ukudibana no-Allah ngomso (ngemini yomgwebo) eli Muslim, kufuneka ayikhusele le mithandazo mihlanu (rhoqo) ebizelwa kuyo, kuba iyenye yeendlela zesikhokelo, kuba u-Allah wenzele umProfethi wenu sallallahu alayhi wasallam iindlela ezisisikhokelo. Ndiyafunga ngo-Allah, ukuba omnye wenu uyathandaza endlwini yakhe, ngokwenza oko uyakube ulahle isunnah yomProfethi wenu sallallahu alayhi wasallam, kanti xa nithe nashiya iSunnah yomProfethi wenu sallallahu alayhi wasallam niyakulahleka. Akukho

namnye umntu oyakuthi azicocisise kakuhle emva ahambe aye eMasjid ayokuthandaza, koko ngenyathelo ngalinye alithathayo, u-Allah Uyaliphakamisa inqanaba lakhe ngenqanaba elinye elingentla, kwaye esinye sezono zakhe ziyahlanjululwa. Sazibonela ngawethu amehlo ukuba abo babengezi emasjid yayingabo ubuhanahanisi babo babuselubala. Umntu wayeziswa (eMasjid) esimelele phakathi kwabantu ababibni khona ukuze azokuma emgceni (wabathandazi).” (*Muslim*)

## **17. Ubusuku Bonke emthandazweni**

من صلى العشاء في جماعة فكأنما قام نصف الليل ومن صلى الصبح في  
جماعة فكأنما قام الليل كله

U-Uthman Ibn Affan radhiallahu anhu uchaza ukuba uNabi sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Lowo uthandaza umthandazo we-Esha nebandla, ufana nalowo (uhleli) ethandaza kwada kwasezinzulwini zobusuku, kanti lowo uthandaza umthandazo weFajr nebandla, ufana nalowo uthandaze ubusuku bonke.” (*Muslim*)

## 18. Injongo eqatha

إِنَّ أَثْقَلَ صَلَاةٍ عَلَى الْمُنَافِقِينَ صَلَاةُ الْعِشَاءِ وَصَلَاةُ الْفَجْرِ وَلَوْ يَعْلَمُونَ مَا  
فِيهِمَا لَأَتَوْهُمَا وَلَوْ حَبَوًّا وَلَقَدْ هَمَمْتُ أَنْ أَمُرَ بِالصَّلَاةِ فَتُقَامَ ثُمَّ أَمُرَ رَجُلًا  
فِيصَلِّيَ بِالنَّاسِ ثُمَّ أَنْطَلِقَ مَعِيَ بِرِجَالٍ مَعَهُمْ حُزْمٌ مِّنْ حَطَبٍ إِلَى قَوْمٍ لَا  
يَشْهَدُونَ الصَّلَاةَ فَأُحَرِّقَ عَلَيْهِمْ بُيُوتَهُمْ بِالنَّارِ

U-Abu Hurairah radhiyallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Owona mthandazo ungumthwalo kuba hanahanisi ngumthandazo we – Esha kunye nomthandazo we Fajr. Ukuba bebenokuwazi umvuzo walo mithandazo mibini, bebezakuza (kuyo) nokuba beza bekhasa. Bendinenjongo yokuyalela ukuba kubizelwe abantu emthandazwenin (nge-Azaan): Ndiyalele ndoda ithile ukuba ikhokele umthandazo, mna namanye amadoda sihambe siphethe iinyanda zeenkuni siye kwimizi yabo bantu bangeziyo emthandazweni (nebandla) jamaat, sibatshise nezindlu zabo.” (*Bukhari and Muslim*)



## 19. ISahabi eliyimfama

أَتَى النَّبِيَّ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ رَجُلٌ أَعْمَى فَقَالَ: يَا رَسُولَ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ إِنَّهُ لَيْسَ لِي قَائِدٌ يَقُودُنِي إِلَى الْمَسْجِدِ فَسَأَلَ رَسُولَ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ أَنْ يُرَخِّصَ لَهُ فَيُصَلِّيَ فِي بَيْتِهِ فَرَخَّصَ لَهُ فَلَمَّا وَلَّى دَعَاهُ فَقَالَ: هَلْ تَسْمَعُ النِّدَاءَ بِالصَّلَاةِ قَالَ: نَعَمْ قَالَ: فَأَجِبْ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba imfama yeza ku-Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam yafika yathi:

“Hini na Rasoolullah sallallahu alayhi wasallam! Andinaye umntu onokuthi andikhokeleukuza emasjid. (Lo mfama) yayibuza kuba ifuna ukunikwa isaphulelo sokuba ikwazi ukuthandaza imithandazo yayo ekhayeni. Yena sallallahu alayhi wasallam wayivumela (ukuba ithandaze imithandazo yayo ekhayeni). Xa imka lo ndoda, yena sallallahu alayhi wasallam wayibizela kuye, wayibuza, “Apho uhlala khona uyayiva na i-Azaan?” (Yaphendula) yathi ewe (iyayiva i-Azaan apho endlwini yayo). URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi xa kunjalo, “Yiphendule (ngokuthi uye emasjid).” (*Muslim*)

## 20. Yizani Nizolile

بَيْنَمَا نَحْنُ نُصَلِّيْ مَعَ النَّبِيِّ صَلَّى اللهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ إِذْ سَمِعَ جَلْبَةَ رِجَالٍ فَلَمَّا صَلَّى قَالَ: مَا شَأْنُكُمْ قَالُوا: اسْتَعْجَلْنَا إِلَى الصَّلَاةِ قَالَ: فَلَا تَفْعَلُوا إِذَا أَتَيْتُمُ الصَّلَاةَ فَعَلَيْكُمْ بِالسَّكِينَةِ فَمَا أَدْرَكْتُمْ فَصَلُّوا وَمَا فَاتَكُمْ فَأَتِمُّوا

U-Abu Qatadah radhiallahu anhu uchaza ukuba,

Ngathuba lithile sasithandaza noNabi sallallahu alayhi wasallam, weva ingxolo yabantu ngasemva kwakhe. Emva komthandazo, Yena sallallahu alayhi wasallam wathi, “Kwenzeka ntoni kuni? Baphendula bathi; Besingxamele ukufumana umthandazo.” Yena sallallahu alayhi wasallam wathi: “Sanungxama xa nisiza emthandazweni xa nizakuzibandakanya nemigca (saffs) ngalo lonke ixesha nisiza emthandazweni, kufuneka nize ngondiliseko, nithandaze oko nikufumanayo kwaye nizigqibezelele oko kuniphosileyo.” (*Bukhari and Muslim*)

## 21. Indlela Yokungena eMasjid

إِذَا دَخَلَ أَحَدُكُمُ الْمَسْجِدَ فَلْيَقُلْ: اللَّهُمَّ افْتَحْ لِي أَبْوَابَ رَحْمَتِكَ وَإِذَا خَرَجَ فَلْيَقُلْ: اللَّهُمَّ إِنِّي أَسْأَلُكَ مِنْ فَضْلِكَ

U-Abu Humayd radhiallahu anhu okanye Abu Usayd radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu wathi,

“Xa omnye wenu engena eMasjid makafunde oku kulandelayo: *Allahummaf-tah li abwaaba rahmatik* (Hini na Allah, ndivulele iingcango zenceba yakho).” Kanti xa uphuma (okanye uyishiya iMasjid)

kufuneka uthi: *Allahumma inni as-aluka min fad-lik* (Hini na Allah, Ndicela (undiphe) isibonelelo saKho).” (*Bukhari and Muslim*)

## 22. Ukubulisa iMasjid

إِذَا دَخَلَ أَحَدُكُمُ الْمَسْجِدَ فَلْيَرْكَعْ رَكَعَتَيْنِ قَبْلَ أَنْ يَجْلِسَ

U-Abu Qatadah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ukuba omnye wenu ungena eMasjid, kufuneka athandaze iiRakaat ezimbini phambi kokuba ahlale phantsi.” (*Bukhari and Muslim*)

## 23. Amavumba Amabi eMasjid

مَنْ أَكَلَ ثُومًا أَوْ بَصَلًا فَلْيَعْتَزِلْنَا - أَوْ قَالَ: فَلْيَعْتَزِلْ مَسْجِدَنَا

مَنْ أَكَلَ الْبَصَلَ وَالثُّومَ الْكُرَّاثَ فَلَا يَقْرُبَنَّ مَسْجِدَنَا فَإِنَّ الْمَلَائِكَةَ  
تَتَأَذَّى مِمَّا يَتَأَذَّى مِنْهُ بَنُو آدَمَ

UJabir radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Lowo uthe watya igarlic okanye itswele kufuneka ahlalele kude nathi okanye imasjid yethu.” (*Bukhari and Muslim*)

KwiMuslim icatshulwa ngoluhlobo, “Lowo utye itswele, igarlic kunye ne-leek (uhlobo lwesityalo elinevumba eli-strong) akufuneki basondele kwiMasjid yethu, kuba iiNgelosi ziyakhutyekiswa ngamavumba asitrongo akwakhubekisa nabantu.”

## 24. Ezona Zenzo Zingalunganga

عُرِضَتْ عَلَى أَعْمَالِ أُمَّتِي حَسَنُهَا وَسَيِّئُهَا فَوَجَدْتُ فِي مُحَاسِنِ أَعْمَالِهَا  
الَّذِي يُمَاطُ عَنِ الطَّرِيقِ وَوَجَدْتُ فِي مَسَاوِي أَعْمَالِهَا الثُّخَاعَةَ تَكُونُ فِي  
الْمَسْجِدِ لَا تُدْفَنُ

U-Abu Dharr radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Izenzo zabalandeli bam ezilungileyo nezibi bezibekwe phambi kwam, khona ndifumanise ukuba ukususa into enobungozi exabe endleleni nako kuyinxalenye yezenzo ezilungileyo, kanti isikhohlela esingagqunyelelwanga (esishiywe embonakalweni) sesinye sezona zenzo ezibi kakhulu.” (*Bukhari and Muslim*)

## 25. Ukuziphakamisa eMasjid

مِنْ أَشْرَاطِ السَّاعَةِ أَنْ يَتَبَاهَى النَّاسُ فِي الْمَسَاجِدِ

U-Anas radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Enye yeempawu zomgwebo kukuba abantu bazakuqhayisa eMasjid.” (*Abu Dawood, Ibn Majah, Nasai and Ahmad*)

## 26. Ukuqokelelana eMasjid

ما اجتمع قومٌ في بيتٍ من بيوتِ اللهِ يتلونَ كتابَ اللهِ ويتدارسونهُ فيما  
بينهم إلا نزلت عليهم السَّكينةُ وغشيتهمُ الرَّحمةُ وحقَّتْهُمُ الملائكةُ  
وذكرَهُمُ اللهُ فيمَن عندهُ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu  
alayhi wasallam wathi,

“Akukho bantu bathi bangungelane kwenye yezindlu zika-Allah,  
becengceleza incwadi ka-Allah kwaye befundisana ngayo, koko inzolo  
iyehla phezu kwabo, kwaye inceba (ka-Allah) iyabagquma kwaye u-  
Allah uyabakhankanya kwabo bakufutshane naye (iiNgelosi).” (Muslim)

## 27. Ilifa lo mProfethi eMasjid

وعن أبي هريرة رضى الله عنه أنه مر بسوق المدينة فوقف عليها فقال :  
يا أهل السوق ما أعجزكم قالوا : وما ذاك يا أبا هريرة رضى الله عنه قال  
: ذاك ميراث رسول الله - صلى الله عليه وسلم - يقسم وأنتم هاهنا ألا  
تذهبون فتأخذون نصيبكم منه قالوا : وأين هو قال : فى المسجد  
فخرجوا سراعا ووقف أبو هريرة رضى الله عنه لهم حتى رجعوا فقال لهم  
: ما لكم قالوا : يا أبا هريرة رضى الله عنه فقد أتينا المسجد فدخلنا  
فلم نر فيه شيئا يقسم فقال لهم أبو هريرة رضى الله عنه : وما رأيتم فى

المسجد أحدا قالوا : بلى رأينا قوما يصلون وقوما يقرءون القرآن وقوما  
يتذاكرون الحلال والحرام فقال لهم أبو هريرة : ويحكم فذاك ميراث

محمد - صلى الله عليه وسلم

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba ngamini ithile wayeqqitha emarikeni yase Madinah, (uthi) wema wathetha nabantu abalapho emarikeni, esithi,

“Hini na bantu yintoni na enenze nakhubazeka?” Baphendula bathi, “Uthetha ukuthini ngoko, Hini na Abu Hurairah radhiallahu anhu?” Yena Abu Hurairah radhiallahu anhu waphendula wathi, “Ilifa likaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam liyanikezelwa nina nihleli apha nje, kutheni ningayi khona niyokufumana isabelo senu?” (Abantu) Babuza ukuba linikezelwa phi? Yena waphendula, “Linikezelwa eMasjid.” Bemka ngokungxama bonke ukuya eMasjid (benethemba lokufumana izabelo zabo). U-Abu Hurairah radhiallahu anhu wabalindela (apho emarikeni) bade babuye, xa bebuya wababuza, “Yintoni na eniyifumeneyo eMasjid?” Hini na Abu Hurairah radhiallahu anhu, “Siyile eMasjid, ekungeneni kwethu, asifikanga kunikezelwa nganto!” U-Abu Hurairah radhiallahu anhu wabuza, “Anibonanga bantu na eMasjid?” Bona baphendula, “Siyakhumbula sibona iqela labantu lithandaza kwaye lizimisele kanti elinye iqela lona lizigcine lixaxekile ngokufunda iQuran kanti lone elinye iqela lixakeke ngokufunda oko ku-Halaal noko kuHaraam.” Yena u-Abu Hurairah radhiallahu anhu wathi, “Yintoni na engalunganga kuni? (Konke oko bekusenzeka eMasjid) Inene ibililifa likaRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.” (Tabrani)

## 28. Ulingana neHajj

مَنْ غَدَا إِلَى الْمَسْجِدِ لَا يُرِيدُ إِلَّا أَنْ يَتَعَلَّمَ خَيْرًا أَوْ يَعْلَمَهُ كَانَ لَهُ كَأَجْرِ  
حَاجٍّ تَامًّا حِجَّتُهُ

U-Abu Umamah radhiyallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Nawuphi lowo uthi aye emasjid khona ukuze azokufunda okanye azokufundisa, (lo mntu) ufumana umvuzo womntu owenze iHajj egqibeleleyo.” (Tabrani, Ibn Hibban, Abu Nuaym and Haakim)

## 29. Ukufundwa kwemibongo eMasjid

مر عمر رضى الله عنه في المسجد وحسان رضى الله عنه ينشد فقال:  
كنت أنشد فيه وفيه من هو خير منك ثم التفت إلى أبي هريرة رضى الله  
عنه فقال: أنشدك بالله أسمعت رسول الله صلى الله عليه وسلم يقول:  
«أجب عنى اللهم أيده بروح القدس» قال: نعم

USaeed Ibn Musayyab radhiyallahu anhu uchaza ukuba,

“u-Umar radhiyallahu anhu wagqitha kuHassan bin Thabit radhiyallahu anhu ngethuba wayefunda imibongo eMasjid, u-Umar radhiyallahu anhu wamthi krwaqu ngokwenye inkcazelo. Yena uHassan ibni Thabit radhiyallahu anhu wathi, “Ndandifunda imibongo eMasjid ngethuba kwakukho ongcono kunawe uthetha uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam.” Emva koko yena uHassan waguqukela ku-Abu Hurairah radhiyallahu anhumu wathi, “Ingaba azange umve na uRasoolullah

sallallahu alayhi wasallam esithi, ‘Ndiphendulele, Hini Allah, mncedise ngomoya oyingcwele [uGabriyeli]!’” Yena (u-Abu Hurairah radhiallahu anhu) wathi, “Ewe.” (*Bukhari and Muslim*)

### 30. Beka Phambili uhambo Lwakho

لَا تُشَدُّ الرِّحَالُ إِلَّا إِلَى ثَلَاثَةِ مَسَاجِدَ: الْمَسْجِدِ الْحَرَامِ وَمَسْجِدِ الرَّسُولِ  
صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ وَمَسْجِدِ الْأَقْصَى

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Musa ukuthabatha uhambo ngaphandle kweMasjid ezintathu i.e., al Masjid al Haraam (Masjid ese Makkah), iMasjid yam (Masjidun-Nabawi), kunye neMasjid al Aqsa (iMasjid eseJerusalem).” (*Bukhari and Muslim*)

### 31. Umthandazo Ongcono Kunemithandazo eliwaka

صلاة في مسجدي هذا خير من ألف صلاة فيما سواه إلا المسجد الحرام

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Umthandazo kule masjid yam ungcono kune mithandazo eliwaka kwezinye iimasjid ngaphandle kweMasjid al Haraam.” (*Bukhari and Muslim*)



## 32. Isuntswana lase Paradesi

ما بين بيتي ومنبري روضة من رياض الجنة ومنبري على حوضي

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Lo ndawo iphakathi kwendlu yam nepulupethe yam sisitiya sesizitiya zaseParadesi, kanti yona ipulupete yam iphezu komthombo wam (al Kauthar).” (*Bukhari and Muslim*)

## 33. Indibano eyimbali

لَقَدْ رَأَيْتَنِي فِي الْحَجْرِ وَقُرَيْشٌ تَسْأَلُنِي عَنْ مَسْرَايَ فَسَأَلْتَنِي عَنْ أَشْيَاءَ مِنْ  
بَيْتِ الْمَقْدِسِ لَمْ أَثْبِتْهَا فَكُرِبْتُ كُرْبَةً مَا كُرِبْتُ مِثْلَهُ قَطُّ قَالَ: فَرَفَعَهُ  
اللَّهُ لِي أَنْظُرَ إِلَيْهِ مَا يَسْأَلُونِي عَنْ شَيْءٍ إِلَّا أَنْبَأْتُهُمْ بِهِ وَقَدْ رَأَيْتَنِي فِي جَمَاعَةٍ  
مِنَ الْأَنْبِيَاءِ فَإِذَا مُوسَى عَلَيْهِ السَّلَامُ قَائِمٌ يُصَلِّي فَإِذَا رَجُلٌ ضَرْبُ جَعْدٍ  
كَأَنَّهُ مِنْ رِجَالِ شَنْوَةَ وَإِذَا عِيسَى ابْنُ مَرْيَمَ عَلَيْهِ السَّلَامُ قَائِمٌ يُصَلِّي  
أَقْرَبُ النَّاسِ بِهِ شَبَهًا عُرْوَةُ بْنُ مَسْعُودٍ الثَّقَفِيُّ وَإِذَا إِبْرَاهِيمُ عَلَيْهِ السَّلَامُ  
قَائِمٌ يُصَلِّي أَشَبَّهُ النَّاسِ بِهِ صَاحِبُكُمْ يَعْنِي نَفْسَهُ فَحَانَتْ الصَّلَاةُ فَأَمَمْتُهُمْ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uthi wathi uNabi sallallahu alayhi wasallam,

“Inene, Ndandihleli eHijr ngethuba apho amaQuraysh ayendibuza ngohambo lwasebusuku (Isra). Ayendibuza ngezinto ezimalunga neBayt

al Maqdis (ndabe mna ngelo xesha) ndingasazikhumbuli. Ndaziva ndiphantsi koxinezelelo olukhulu endingazange ndibenalo uxinezelelo olukhulu kangako ngaphambili. U-Allah wayiphakamisa (iBayt al Maqdis) phambi kwamehlo wam. Ndayijonga, ndawanika yonke inkcukacha ababezibuza, ndazibona ndiphakathi kweqela laba Profethi. UMosisi alaihis salaam yena wayethandaza, yena wayeyindoda emile kakuhle, ngokungathi yindoda yohlanga lwama Shanuah. Ndabona uYesu (Isaa) alaihis salaam unyana kaMariya, naye ethandaza. Yena kubo bonke abantu wayefana kakhulu no-Urwa ibn Masood al Thaqafi radhiallahu anhu. Kwakhona ndabona u-Ibrahim alaihis salaam ethandaza; yena oyena mntu wayefana naye kakhulu liqabane lenu eli buqu bam (Mthunywa ka-Allah sallallahu alayhi wasallam) Kwathi kwakufika ixesha lokuthandaza ndabakhokela emthandazweni.”  
(Muslim)

### 34. Umthandazo olingana ne-Umrah

من خرج حتى يأتي هذا المسجد - مسجد قباء - فصلّى فيه كان له عدلٌ  
عُمْرَةٍ

UMuhammad ibni Sulaiman al Kirmaniy uchaza ukuba, ndeva u-Abu Umamah bin Sahl ibn Hunaif radhiallahu anhu esithi, utata wam wathi, URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Lowo uthi aye kule Masjid (Masjid al Quba) ayekuthandaza kuyo, (eso senzo sakhe) siyakulingana ne-Umrah.” (*Ibn Maja and Nasai*)

### 35. Yizani Nabantwana Baboniseni kwaye nibanyamezele

كان رسول الله - صَلَّى الله عليه وعلى آله وسلّم - يصليّ فإذا سجد وثبَ الحسنُ والحسينُ رضي الله عنهما على ظهره فإذا أراد أن يمنعهما أشار إليهم أن دعوهما فإذا قضى الصلاة وضعهما في حجره قال : مَنْ أَحَبَّنِي فليحِبَّ هذينِ

U-Abdullah Ibn Masood radhiallahu anhu uchaza ukuba,

Kukho amaxesha apho uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wayedla ngokuthandaza babe uHasan noHusein radhiallahu anhuma bemtsibela emqol, amaSahaba ayedla ngokubanqanda (ekwenzeni oko) kodwa yena akhombise ukuba bayekeni. Xa egqibile uthandaza wayedla ngokubabeka emathangeni wakhe athi, “Nawuphina lowo undithandayo kufuneka abathande aba babini (Hasan noHusein radhiallahu anhuma).”  
(*Ibn Hibban and Ibn Khuzaymah*)

### 36. Ingxolo Yabantwana Luphawu Lethemba

والله إني لأسمع بكاء الصبي وأنا في الصلاة فأخفف مخافة أن تفتن أمه

U-Anas Ibn Malik radhiallahu anhu uchaza ukuba, umProfethi ka-Allah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Inene ndive ukulila komntwana ngethuba ndithandaza, kengoko ndiye ndawenza mfutshane (umthandazo) ngenxa yokuba ndingafuni ukufaka umama wakhe ebunzimeni.” (*Bukhari and Muslim*)

### 37. Indawo Ekhuselekileyo Yabantwana

أَرْسَلَ رَسُولُ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ غَدَاةَ عَاشُورَاءَ إِلَى قُرَى الْأَنْصَارِ  
الَّتِي حَوْلَ الْمَدِينَةِ: ( مَنْ كَانَ أَصْبَحَ صَائِمًا فَلْيُتِمَّ صَوْمَهُ وَمَنْ كَانَ أَصْبَحَ  
مُفْطَرًّا فَلْيُصِمْ بَقِيَّةَ يَوْمِهِ ذَلِكَ ) قَالَتْ: فَكُنَّا نَصُومُهُ وَنُصَوِّمُ صَبِيَانَا  
الصِّغَارَ وَنَذْهَبُ بِهِمْ إِلَى الْمَسْجِدِ وَنَجْعَلُ لَهُمُ اللَّعْبَةَ مِنَ الْعِهْنِ فَإِذَا بَكَى  
أَحَدُهُمْ عَلَى الطَّعَامِ أَعْطَيْنَاهَا إِيَّاهُ حَتَّى يَكُونَ عِنْدَ الْإِفْطَارِ

URubayyi binti Muawwidh radhiallahu anha uchaza ukuba,

uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathumela umthunywa elalini yama-Ansaar eyayikufutshane naseMadina ngemini ye-Ashura ukuba ayokwazisa, “Lowo ubenenjogo yokuzila makakugqibe ukuzila kwakhe, kanti lowo ungenzanga njalo kufuneka azithabathe njengo zilileyo intsalela yemini.” Uyaqhuba kwakhona uthi, “Ukususela ngoko sasiqhele ukuzila ngolo suku rhoqo kwaye sasisenza nabantwana bethu ukuba bazile (insha Allah).” Sasibasa eMasjid sibenzele izinto zokudlala ngoboya. Ukuba kwenzeke ukuba omnye wabo alilele ukutya, sasimnika ezo zinto zokudlala (ukumdungudelisa) kude kufike ixesha lokuvula inzila.” (*Bukhari and Muslim*)

### 38. Musani Ukubanjanda

إِذَا اسْتَأْذَنْتِ امْرَأَةً أَحَدِكُمْ إِلَى الْمَسْجِدِ فَلَا يَمْنَعُهَا

U-Abdullah Ibn Umar radhiallahu anhuma uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Xa umfazi ecela imvume yokuya eMasjid, musa ukumalela.” (*Bukhari and Muslim*)

### 39. Baphi Abamelwane Bam?

إن الله لينادي يوم القيامة: أين جيرانى أين جيرانى قال: فتقول  
الملائكة: ربنا! ومن ينبغى أن يجاورك فيقول: أين عمار المساجد

U-Anas radhiallahu anhu uchaza ukuba uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi,

“Ngemini yomgwebo, u-Allah uzakumemeza, Baphi na abamelwane bam? Baphi na abamelwane bam?” Iingelosi zizakuthi, “Hini na Nkosi yethu! Ngubani na ofanele ukuba ngummelwane wakho?” Yena uzakuphendula, “Baphi na abantu abakhathalele iiMasjid?” (*Harith and Abu Nuaym*)

#### 40. Umcoci wase Masjid

أَنَّ امْرَأَةً سَوْدَاءَ كَانَتْ تَقُومُ الْمَسْجِدَ أَوْ شَابًّا فَقَقَدَهَا رَسُولُ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ فَسَأَلَ عَنْهَا أَوْ عَنْهُ فَقَالُوا: مَاتَ قَالَ: أَفَلَا كُنْتُمْ آذَنْتُمُونِي قَالَ: فَكَأَنَّهُمْ صَغَرُوا أَمْرَهَا أَوْ أَمْرَهُ فَقَالَ: دُلُّونِي عَلَى قَبْرِهِ فَدَلُّوهُ فَصَلَّى عَلَيْهَا ثُمَّ قَالَ: إِنَّ هَذِهِ الْقُبُورَ مَمْلُوءَةٌ ظُلْمَةً عَلَى أَهْلِهَا وَإِنَّ اللَّهَ عَزَّ وَجَلَّ يُنَوِّرُهَا لَهُمْ بِصَلَاتِي عَلَيْهِمْ

U-Abu Hurairah radhiallahu anhu uchaza ukuba,

Umama omnyama (okanye umfana osemntsha) wayecoca eMasjid. Wakungamboni uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabuza malunga naye (lo mcoci waseMasjid) waxelelwa ukuba uswelekile. Yena sallallahu alayhi wasallam wathi, “Kutheni ningandazisanga nje?” Kukhangeleka ingathi amaSahaba (ukusweleka kwakhe) akuthabatha njengento encinane. Kengoko yena sallallahu alayhi wasallam wathi, “Ndiboniseni ingcwaba lakhe.” Wathi wakuliboniswa, wamenzela umthandazo weJanazah wathi, La mangcwaba agquma abo baphakathi kuwo ngobumnyama, kodwa u-Allah uwenza akhanye ngenxa yokubathandazela kwam. (*Bukhari and Muslim*)

## 41. Thabatha inyathelo

رَأَى رَسُولُ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ نُحَامَةً فِي قِبْلَةِ الْمَسْجِدِ فغَضِبَ حَتَّى احْمَرَّتْ وَجْهُهُ فَقَامَتِ امْرَأَةٌ مِنَ الْأَنْصَارِ فَحَكَّتْهَا وَجَعَلَتْ مَكَانَهَا خَلْقًا فَقَالَ رَسُولُ اللَّهِ صَلَّى اللَّهُ عَلَيْهِ وَسَلَّمَ مَا أَحْسَنَ هَذَا

U-Anas Ibn Malik radhiallahu anhu uchaza ukuba,

“uRasoolullah sallallahu alayhi wasallam wabona isikhohlela kwicala langaseQibla laseMasjid, waba nomsindo kangangokuba ubuso bakhe bajika babomvu. Emva koko umama othile oli Ansaar waphakama wasisusa wabeka isiqholo endaweni yaso. URasoolullah sallallahu alayhi wasallam wathi, “Akusekuhle oku kengoku.” (*Nasai and Ibn Majah*)

## 42. Uxanduva Lokwenene

الإمام ضامن والمؤذن مؤتمن اللهم أرشد الأئمة واغفر للمؤذنين

Abu Hurayrah radhiallahu anhu vertel dat die boodskapper van Allah sallallahu alaihi wa sallam gesê het,

“I-Imaam inoxanduva kanti iMuazzin iyathenjwa. Hini na Allah, khokela ii-Imaam kwaye uzixolele iiMuazzin.” (*Abu Dawood, Tirmidhi and Ahmad*)

# Izinto Ezilungileyo *malunga* neMasjid

Kaloku thina bathetha ulwimi lwesiXhosa abanye abantu ukuzokuthi ga ngoku basenenkolelo yokuba inkolo ye Islam yinkolo yezinye iintlanga hayi thina bantu bathetha isixhosa, ngale migudu yokuba siguqulele esixhoseni iimfundiso nolwazi malunga me Islam sizama ukubonisa ukuba ababantu bangene kwinkolo ye Islam bangene kuyo ngenxa yophando abalenzileyo nge Islam hayi ngokumfanyekiswa.

Khuphela incwadi kunye nezandi zelizwi zayo:  
[www.alhidayah.co.za/40-hadith-masjid-xhosa/](http://www.alhidayah.co.za/40-hadith-masjid-xhosa/)



Ipapashwe yi  
**AL HIDAYAH CENTRE**  
Eastern Cape



☎ 041 492 2773  
✉ [info@alhidayah.co.za](mailto:info@alhidayah.co.za)  
📍 18 Bonaventure Crescent, Port Elizabeth  
📞 041 492 2773 <https://wa.me/27414922773>  
🌐 [www.alhidayah.co.za](http://www.alhidayah.co.za)

